

VAKALISA ULUVO LWAKHO

Isimemo sokuNgenisa iziPhakamiso neZimvo zoLuntu

Ikomiti isiSigxina yezeMali imema abachaphazelekayo namaqela onomdla ukuba angenise iziphakamiso ezibhaliweyo malunga noMthethosiHlomelo oYilwayo weMithetho yezeMali Jikelele (B21-2026)

UMthethosiHlomelo oYilwayo weMithetho yezeMali Jikelele (B21-2026) ujolise ekubeni uhlomele:

- *uMthetho woLawulo lweCandelo lezeMali, 2017 (uMthetho onguNomb. 9 wowama2017), ukuze kufakelwe iSahluko esibonelela ngokuchongwa kwemigangatho yotshintsho; ukubonelela ngempembelelo yemigangatho yotshintsho kwizivumelwano zelifa; ukubonelela ngokusikelwa umda koxanduva oluvela ekubeni kukhethwe okanye kusetyenziswe umgangatho wotshintsho okanye usasazeko lohlengahlengiso lokuchonga; ukubonelela ngenkqubo yokubonisana malunga nokuchongwa okanye izigqibo ezenziwe yiBhanki enguVimba ngokunxulumene nokutshintshwa kwemigangatho; kunye*
- *noMthetho wokuThengisa kaRhulumente, 2024 (uMthetho onguNomb. 28 wowama2024), ukuze kuhlonyelwe ixesha ekufuneka uMphathiswa aphonononge ngalo ukuphunyezwa kwalo Mthetho, enze ingxelo esidlangalaleni aze angenise loo ngxelo ePalamente, aze abonelele ngemiba enxulumene nawo.*

Iindibano zoluntu ziza kubanjwa ngoLwesibini, umhla we13 kweyeDwarha 2026.

Iziphakamiso kufuneka zifike ingabethanga intsimbi ye12:00 ngoMvulo, umhla we12 kweyeDwarha 2026.

Abo bafuna ukwenza iintetho kwindibano zoluntu kufuneka benze isicelo ngokukodwa sokwenza oko. Iindibano zovakalisozimvo ziya kwenziwa ngoZoom.

Iziphakamiso kufuneka zingeniswe kooNobhala beKomiti, uMnu Allen Wicomb noNks Lwazikazi Ntinzi ku-awicomb@parliament.gov.za / Intinzi@parliament.gov.za

Sikhutshwe ngoHloniphekileyo uGqr. MJ Maswanganyi, iLungu lePalamente, uSihlalo: weKomiti esiSigxina yezeMali (kwiNdlu yoWisomthetho yeSizwe)